IAKHADEMI YAMASHISHINI AMANCINCI YEYUNIVESITHI YASESTELLENBOSCH (i-USB SBA)

1. **Imvelaphi**
   Isebenzisa iAkhademi yamaShishini amaNcinci ephehlelelwe kwinyanga kaCanzibe ka-2012 – iSikolo soShishino seYunivesithi yaseStellenbosch sivuselele umbono waso wokuba negalelo elibonakalayo eluntwini. ISikolo soShishino seYunivesithi yaseStellenbosch sifuna ukwenza umahluko kubomi boluntu nakumashishini amancinci akwiindawo ezingathathintweni. Imisebenzi yale Akhademi yenzeka ngenxa yenkxasomali efumaneka kula maqumrhu alandelayo:- uDistell, u-Absa, u-JoGEDA, uDe Beers nakuDistell Development Trust, ukubandakanyeka ngokunjalo nokuba negalelo kwamahlakan' entsebenziswano afana nala; ababesakuba ngabafundi bale yunivesithi, abafundi, abasebenzi, iiforam zoshishino loluntu, i-SEDA, kunye namanye.

2. **INkqubo yoPhuhliso yeAkhademi yamaShishini amaNcinci yeYunivesithi yaseStellenbosch (i-SBADP)**
   Le Nkqubo yoPhuhliso iyilelwe ukuphuhlisa oosomashishini bamashishini amancinci ize ibancedise ekukhuliseni amashishini wabo. Iqela lokuqala loosomashishini bamashishini amancinci abasuka eKhayelitsha liqale ngo-2013. Ukusukela ngo-2014 ukuya phambili, nayo inkqubo ye-SBA ibandakanye abathathinxaxheba abasuka kwezinye iingingqi zeMpuma yamaZantsi esiXeko esiMbaxa seKapa. Kwinyanga yeSilimela ngo-2016, kwaphehlelelwa iNkqubo yoPhuhliso yesibini eMpuma Kapa ngokusebenzisana neArhente yoPhuhliso lwezoQoqosho iJoe Gqabi (JoGEDA). Ngo-2019, kuqaliswe iqela lesi-7 eNtshona Koloni laze iqela lesi-3 laqaliswa eMpuma Kapa.

   INkqubo yoPhuhliso yeAkhademi yamaShishini amaNcinci yenziwa ngala mabakala alandelayo:
   - **Uqeqesho** – Izifundo ezifundiswayo ziZakhono zeKhompyutha, uBuchule obuFunekayo boShishino, ukuRhweba, ezeMali, kunye noPhuhliso lweSicwangciso soShishino, ukuBhala nokuBonisa ngolwaz' olutsha. Ekupheleni kweNkqubo, abafundi kufuneka babonise ngezicwangciso zamashishini wabo kwiphaneli yezifundiswa, abaxhasi, abantu boshishino kunye namagosa amacandelo oluntu.
   - **Ukucebisa** – Ababesakuba ngabafundi be-USB ne-SBA basebenza njengabacebisi babathathinxaxheba kwiNkqubo. Ababesakuba ngabafundi – bonke bangamavolontiya – bahlanganiswa nabathathinxaxheba abafanelekileyo ukuze babanike inkxaso neengcebiso. Abacebisi banceda abathathinxaxheba ekubeni bayiqonde imingeni namathuba akhoyo kumashishini wabo, kwaye xa bekunye bayazifumana izisombululo zokuba mawakhule kwaye ande amashishini wabo.
   - **Ucweyo** – Ucweyo ekuthathw' inxaxheba kulo lunikezelwa ngabo bayimizekelo kunye namavolontiya ukuze anikezele ngolwazi olungqamene neemfuno zabathathinxaxheba. Izihloko kucweyo ziquka ezi zilandelayo: uFikelelo kwiNkxasomali, i-Inshorensi, iNkonzo yaBathengi, ukuRhweba ngokusebenzisa amaKhas' oNxibelelwano, kunye nokuQonda i-BEE.
   - **Indibano yabafundi** – Abafundi be-USB MBA nabo bakwinqanaba lesidanga seMastaz abatyelela amaqela ehlabathi, bancedisa oosomashishini bamashishini amancinci ngemiba eyahlukeneyo yamashishini wabo njengenxalenye yenkqubo yokufunda kwabo.

3. **IZiko loPhando le-SBA**
   I-SBA yaqalisa ngenyathelo lophando ngo-2015. Kwenziwa uphando kwimpembelelo yenkqubo ye-SBA, ukucebisa amashishini amancinci, kunye nophuhliso lwamashishini amancinci kuMazantsi eAfrika.

4. **Inyathelo lokuKhula le-SBA**
   Injongo yeNyathelo lokuKhula le-SBA kukubonelela ngamathuba ophuhliso aqhubekayo kwabo babesakubangabafundi be-SBA nakwabo bakwiinkqubo zabasaqalayo. Ucweyo, iiklasi zokugqwesa, uqeqesho oluthe xhaxhe, iiseshoni zokucebisa kunye nokwakha ubudlelwane kuyinxalenye yokubonelelwa ngako.

5. Ubume boLawulo

Abammeli bamaqela amahlakan' entsebenziswano ahlala kwiKomiti yokuSebenza ye-SBA, isigqeba solawulo se-USB SBA. Le Komiti idibana kabini ngonyaka kwaye inoxanduva lokubonelela ngomhlahlandlela nangesikhokelo kwiqela le-SBA.

INtloko ye-SBA: UGqir. Marietjie Theron-Wepener (mwep@usb.ac.za | umnxeba: 021 918 4224)
UMphathi weMisebenzi we-SBA: Leslie Jubelin (lesliej@usb.ac.za) | umnxeba: 021 918 4483)
Twitter: @USBSBA | **Facebook**: USB Small Business Academy

www.usb.ac.za/sba | sba@usb.ac.za